496.3711 06
Xhosa language — Texts
3

# I-RAFU ZABA-NTU

NGU

D. D. T. JABAVU.

UNIVERSITY OF CAPE TOWN
LIBRARY.

Apha kuthelekiswa imali ebonwayo nesihlakeleyo ehlaulwa ngaba-Ntu ku Rulumente, kunye nemali abebefanelwe kukuyibuyekezwa ngolorafo.

UNIVERSITY OF CAPE TOWN
LIBRARY.

LOVEDALE PRESS.

African Studies Seminar.

## IRAFU ZABANTU ABANTSUNDU NEMALI EZIKHUTSHELWA BONA NGU RULUMENTE

Lentetho ilandelayo bubungqina obenziwa kwi Qumru eliphicotha intlalo yabantu aba Ntsundu, elalise Qonce ngolwesi-Bini 27 January, 1931, ngu D. D. T. Jabavu waku Nokoleji, e Dikeni :—

Kuwo onke amazwe aphucukileyo yinto evunyiweyo ukuba abona bantu babuthathaka bancedwa ngabomeleleyo ekuphileni nakwimfundo. Ukuqondwa kwentswelo zabubuthathaka yinto efuna uphando olunzulu ngaba chukushi abaqeqeshiweyo nabaphandi bentlalo yoluntu, ngokuthe gqolo, ngokohlobo olwakha lwenziwa ngumfi u Dr. James Henderson wase Lovedale kwisithili se Dike ngo 1924.

Kwiqela lencwadana zapesheya e Amerika ndiphaula ukuba imivuzo yemidakasholo eqeshwe ema-khitshini e Virginia ngama £95 ngonyaka ; e Chicago £135 ; kanti thina kweli ngama £27 (iqalela kwi 10s. ise kwi £4 ngenyanga). Sakuqwalasela imivuzo yamadoda angafundanga sifumana ukuthi imali esiyamkeliswa kweli lethu iphindwa kathathu de kube kahlanu yefunyanwa yilomidakasholo. Ke, ukumnyusa umntu omnyama kulentlalo yodobelelo u Rulumente unokunceda ngokuyandisa imali ayabela thina nokokuba lonto uyenza ngenjongo enyolukileyo yokukhusela umgangatho wentlalo yabelungu ukuze ungenzakaliswa zimpembhelelo zokwayamana nenani elikulu labantu abaphile emdeni wobuhlwempu.

### IMIVUZO YABA-NTU.

U Dr. A. W. Roberts ngo 1928 wathi kwi Qumru lika Rulumente elalisingethe imithetho emitsha yaba Ntsundu,

abasebenzi basemigodini bamkela ama £32 ngonyaka. Nyakenye mna ndafumana e Karadokwe ukuba umsebenzi ukholisa ukufumana i 2s. ngemini, emaninzi amadoda anosapho olubantwana bahlanu abalugcine ngalomali, eti ibe ngama £31 4s. ngonyaka, elambha umntu eyinkebenge kuba kwakulomali uhlaula i rente ezi £3 6s., ukutya £20 8s. i Poll Tax £1, impahla £5, irafu zetyalike £2, iyonke £31 14s. Indoda elusapho lukwangako e Rautini ikholisa ukwamkela £49 10s., ibe incitho ingama £86 7s. (ngapandle kwempahla zokunxiba), isikhewu esi isizalise ngokuba umfazi wayo enze ivasi ne ayini, asile, kutengiswe ngotywala bomlungu, enye isale ingamatyala (itsho i Joint Council). U Dr. S. H. Frankel (kwiphepha *Economic Society* 1927) wati ingeniso yomntu omnyama ngamnye ophile ngolimo ihamba kwi £5.

## UTHELEKISO LWERAFU ZETU NEZABELUNGU.

Kweli lase South Africa umntu omhlope (xa enomfazi) akahlauli rafu yesiqu de inzuzo yake ibe idlule kuma £400 ngonyaka ; phezu koko xa lonzuzo idlule apho abantwana abazeleyo bamkhulula erafini kangangokuba xa bebane akabhatali nto de inzuzo yake ibe ingapaya kwama £640. He ! Masithelekise ke lomlungu nendoda yom-Xhosa ehlala elalini, ilima isikhonkwane esinye sayo esingenisa ukutya okuli £12 nyakana azuzileyo, ize ibe ifana noninzi lwamawayo. Um-Xhosa ke yena umelwe kukuhlaula i Poll Tax ye £1 kunye ne 10s. lokuba eselalini. Lento ifana twa nokuti urola ama £80 kwinzuzo engangama £640 kuba emnyama yena, abe u Rulumente yena esiti umlungu onzuzo ingako makangaroli nepeni emathambo kuba elihlwempu gqita. Masiyibeke ngenye indlela lento

siti ama-Xhosa aselalini xa ema 53 ngenani ahlaula i " talpokisi " engama £80 edibene ngengeniso yawo ema £640 yezikhonkwane zawo, ukanti umlungu ongeniso ikwangako akaroli noswazi. Umqeshwa osedolopini obhatalwa i 2s. ngemini ufana nomntu orola ama £21 kwingeniso yama £640, abe umlungu yena one nzuzo engako, ehleka yedwa. Itoliki no Nomabhalana netitshala ezizuza ama £60 ngonyaka zinjengabantu abarola £10 lerafu apo umlomo womlungu uyokurna ngendlebe luncumo kuba engaroli talpokisi yena. Nalu olona lusizi: Amaxhego etu abudala bungapaya kwama 60 nama 85 eminyaka anyanzelwa ngesikhonkosi zezinye imantyi ukuba ayirole i poltakisi ye £1 oko enenkomo nokuba zintlanu qha, ibe ezonkomo zingenisa into engange 12s. enyakeni kumninizo, lonto ibe iyafana nokuti enzuzweni yawo yama £640 lamaxhego wona abhatala irafu eli £1,000 ku Rulumente, ibe ixhego lomlungu linganeli kungaroli nto, koko liphiwa ibhaso lama £30 kwangulo Rulumente. (Eneneni, noko, xa U Rulumente ezigwagwisa ngomphakamo wake wobuntu kunati, lonto besifanele ukuyiboniswa ngezenzo, ati xa ewavimba amaxhego etu imali yokwaluphala, awakhulule betu kwi poltakisi).

## UMLINGANISO WEMALI ZETU NEZABA-MHLOPE.

Amalungu e Palamente aqhele ukumqikelela umlungu omnye ngokuti ulingana nabantu abamnyama abathathu ekurafeni. Lento yathethwa ngumfi u Mr. J. W. Jagger ichule lomrwebi elalingaphikiseki ngemini zalo. Ngati oluqikelelo xa siluvavanya ngamanani esinawo luyavakala, ngezizizatu zibini :—(1) Elubalweni lwabantu bonke ngo 1921 kwafunyanwa ukuti abamnyama bazi 5,409,092;

abamhlope 1,519,488 ; okwenene ke babe bathathu kumlungu omnye. (2) Imali eyangena ku Rulumente iphuma kubantu bonke ngo 1929 yaba zi £30,501,650, lonto yalingana ne £3 18s. 5d. ngentloko yomntu, ne £5 12s. 1d. ngentloko yomntu ngamnye ongemhlope, ne £17 10s. 10d. ngentloko yomntu omhlope. Sisithathu ke eso kumntu omnye.

## IMIZEKELO YENTLALO-NZIMA.

Irafu ye 5s. epontini yemibhalo ephantse ukusetyenziswa ngabantu abamnyama bodwa, ingubo angenakuba angabinayo um-Ntu, ibubunzima obungafanelekanga kuti ba-Ntu. I Transkei Blue Book ka 1929 ithi kwaphuma ama 51,032 amadoda echitwa yindlala emakhaya aya emisebenzini azuza isi £1,400,000 emivuzweni, oko kukuthi ama £27 indoda.

Isavenge sesithathu kumvuzo wom-Ntu ohlala e Rautini siya kwi Rente siphela, waye umtshayeli wezitrata kwa Thulandivile eselusizini olulilisayo kuba uti enabantwana abasixhenxe amkele i £2 10s. ngenyanga amakabuyisele i £1 5s. yonke ku Manyisipali nge Rente yake. (E Dikeni, apo ndihlala kona um-Xhosa we Fiholo kwa Ntselamanzi, enabantwana abahlanu wamkela i 2s. ngelanga. Nazi irafu zake ngonyaka :—£1 1s. 8d. ku Manyisipaliti, ne 5s. yenja ; 10s. Kwit-Rente ne £1 ye Talpokisi yase Pretoria ; 3s. 2d. kwi Divisional Council ; impahla enkulu edlelweni li 12s. intloko yakudlula kwisihlanu (ibe ebuncinaneni zintandathu inkabi zesipani, ibe yimazi yokusenga, nehashi), 4s. ibhokwe, 3s. igusha, iyonke lonto itsho ngenzinzilikihla ye £4 15s. 10d., ngaphandle kwempahla emfutshane. Naso ke isavenge sesixhenxe sonke senzuzo yendoda siseyela erafini).

## IMALI ZABANTSUNDU KU RULUMENTE.

I Poltakisi ngo 1929 yamzuzisa u Rulumente isi £1,007,334. Banzini ke abantu abalahlekileyo ngokucinga ukuthi lemali kuphela kwento erolwa ngabakwa-Ntu embusweni. Encwadini ka Rulumente (*Year Book*, No. 11, 1929, ipepa 771) kuzotywe umfanekiso wemali azamkelayo nazichithayo u Rulumente, apo kuthiwa thina ba-Ntu sirola i £3 6s. qha kwi £100 lengeniso. Lomfanekiso ulahlekise into eninzi yababhali, nezithethi namalungu e Palamente, lada ixabiso laba Ntsundu embusweni latshoniswa. Lilinga lam ke eli lokubonisa ukuba ebuncinaneni imali ephuma ku ba-Ntu iliphinda kalishumi inani elikulomfanekiso lemali kuba ama Afrika la anenxaxheba esoloko ikho kuwo onke amasebe emisebenzi angenisa imali, ewe, nokuba ayidandalazanga emehlweni lomali kodwa ikho ukubakho oku, yaye ingenakwenziwa ngapandle kwakhe. Ukuyicedulula imali yo-Ntsundu kweyomlungu entweni nganye yinqantsa engafezwa ngumntu onexesha elingaphezu kwelo analo umbhali ondim kwa nelosebe ligocagoca amanani lika Rulumente ngokwakhe. Kodwa ndithembha ukuthi andigabadeli xa ndisithi ininzi imali emise ubu Rulumente belilizwe engathi ilandiwe kubhaqwe ukuba umthombho wayo ukuba-Ntu, ngokukodwa irafu zempahla yamazibuko neyase khaya yamatye okusila into ngezinto (£11,000,009 okwesambhuku), ne posi nengcingo (£3,000,000 isambhuku), njalo njalo, ngokokokokuba ezonto ziqhutywa kunye ngumntu omhlope nomnyama, nakubeni intetho ziqhele ukuthi ezomali zivela kuma Yerepe odwa ngenxa yokuba zilungiselelwa ziqokelelwe ngama Yerepe.

Irafu zamazibuko ngo 1928 zaba kufupi ne £10,000,000. Ke ngokomlinganiselo wokuba umlungu omnye ulingana

naba-Ntu abathathu ezimalini zerafu, kuqinisekile ukuba izigidi ezibini kulomali ebuncinaneni zivela kuba-Ntu. Lentelekelelo ingade iphosise ngokunciphisa kunokwandisa xa siliqondisisa inani lobunzima entengweni yaba-Ntu, bethenga into ezinjenge blankete, izabhalala, iragi, ityali, (kakade bangaphi abelungukazi abambhatha ityali, wena ?) izinxibo, iziselo ezinjenge jintshibhiya, ozihlangu, isali, amajikazi, ifleyiti, ihadi, igramafoni, amayeza, ikomityi, imashini, imoto, amakhuba, izilimo, iplanga, amacuba, isigareti,—apo ivela kona lemali yamazibuko.

Irafu zemveliso yelilizwe (£2,000,000) ziphuma kwicuba, neswekile, amayeza, utywala, ikhadi, nebhiya. Incwadi zabarwebi zingathi zihloliwe zibonise ukuba isiqendu sesithathu salemali sivela eba-Ntwini.

Kwangalowonyaka amashishini egolide nedayimani, namalahle, nezinye izinto ezimbhiwayo, angenisa ku Rulumente irafu ekwizigidi ezine zeponti. Okokuba lemigodi ibisimbhiwa ngama Yerepe ehlaulwa imivuzo yawo ephezulu, kucacile ukuba iziqendu ezibini kwezithathu zalomali ngezingazanga zabakho. U Rev. D. D. Stormont, M.A., kwinqaku lakhe kwi *S.A. Journal of Industries* (December 1925) uvakalisa into evunywe nxa zonke ukuthi : " ukuba lomsebenzi waba Ntsundu ubuqeshelwe abelungu, indleko ingangaphaya kunale yaba Ntsundu." Ewe, nam apho ndihlomela ngelithi : ingxelo zika Rulumente zikhanyisa zigqibe ukuthi ukuqeshwa kwamagxagxa kutsala indleko eyiphinda kathathu le yaba-Ntu.

## IMALI EZUZWA NGABANTSUNDU KU RULUMENTE.

Incitho ka Rulumente ngo March 1930 yaba zi £28,726,816. Ngokomlinganiselo wethu ngesilindele

ukuba isiqendu esinye kwezithathu zalemali zoba luncedo kuba-Ntu ngokuthe-rhomomo. Kodwa obona buninzi bayo nabo burozile busiya kwimicimbhi ekholise ngabelungu, yimbhi iyeyabo poqo. Nanga ke ama-Sebe ekutyiwa kuwo ngama Yerepe ewodwa esiflathele :—Unxhowa-Nkulu £461,421 ; Imikhosi, £992,696 ; U-Balo-Bantu, £128,872 ; Imigodi, £443,721 ; Ulimo, £807,655 ; Izakhiwo, £1,000,000 ; Intsebenzo, £275,990 ; Usizo lwaba-Bandezelekileyo, £100,000 ; Ipenshoni, £3,452,230 ; Iyonke £7,662,585.

Isebe lakwa Ndaba-za-Bantu linikwa isimanga sobuncinane bemali etsho umboneli a-akhame, ama £381,527. Kulemali kuphauleka ukuba intlaulo yenkosi nezibonda ngucuntsu wama £33,000, qha, zaye zininzi eziphile kuncazelwa i 10s. kuphela ngenyanga. Ababantu ke ngabo abagcine uxolo kumawaka-waka asezilalini, ngawona mapolisa enyani. Thelekisa apha imali egalelwa kumapolisa amhlophe, inkahlukazi ye £2,000,000. Imfundo ephakamileyo yabelwa ama £868,953, apho aba Ntsundu bachatshazelwa ngama £5,000 ku Nokoleji), ithontsi nje elo emsingeni wamanzi angama £36,000 anikwa ikoleji nganye kweze Yunivesiti, nama £23,000 kwisikolo ngasinye samashishini. Ulimo lugidlwa ngama £807,655. Mzuzu, sakha samfikilelwa ama £250 kulenkuntyula yemali, kodwa yabuya yavalelwa lonto ngelithi mayiphume kwa Ndaba-za-Bantu, sibe ke ngoku asisazuzi nomkhwepha lo. Imfundo yolimo inikwa ama £207,483, ezikolo zihlanu zinikwa ngasinye ivolsaka yeponti ezima £30,000 ngonyaka, thina ba-Ntu singanikwa netiki yokubika, ngelithi masiziphandele nge Talpokisi le iphuma kwasezipokotweni zethu. Kwisebe lempilo elitya £491,473, thina sabelwa £40 esiwa ku Manyano lwe Mpilo lwase Dikeni.

Kwimali yoncedo lwentsana engama £249,230 sibhusha ze thina. Asinikwa nedobilityi emalini ye Ntsebenzo £275,990, nakweyo Sizo lwe Nxwaleki, £100,000, neye Penshoni £3,452,230, ibe ingango khozo lwe zimbha esiyifumana nge Sebe loshicilelo £298,821, nele Mantyi nemithetho, £599,024.

Jikelele, kolulwandle lwemali ezigidi zima 28 echithelwa ilizwe, ilandeka nzima into edlula kuma £6,000 aza ngqo kuthi, ngaphandle kwaleya ye Sebe lakwa Ndabaza-Bantu. (Kuthe ndakutsho, ndaphikiswa lichule lika Rulumente, lathi lona siyawafumana amanqatha angangezigidi ezithathu zeponti ; ndaphendula ngelithi : nokuba kunjalo zisekho ke izahlulo ezibini esithobeni, oko kukuthi £6,000,000, zemali yethu esatshona kwesika Cihoshe kwamlungu, ukuzalisa isiqendu esinye esithathwini semali endiyibangayo egameni lika-Ntu ; endithi ke ne Poltakisi ngenqu inokubhangiswa ingabikho, zishiyeke nangoko izigidi ezihlanu anokuthi u Rulumente amqhubele ngazo empucukweni u-Ntu, ize irafu irafiswe ngokobutybi nezinto anazo umntu ngamnye njengokwabanye abemi belilizwe). Singafanelana siwaphinda kathathu lama £6,000 ukwenzela inzuzo yethu efihlakeleyo, siyakubhaqa umothuso wokuba u Rulumente ngeponti enye ayichithela aba-Ntu, ugalela i £1,500 kubamhlophe ngokuthe ngqo, aze kwa yena ngeponti enye ayamkela kumntu omnyama abe esamkela iponti ezintathu kuphela komhlophe.

## IMFUNEKO EZIPHAMBHILI KUBA-NTU.

Zimbhini imfuneko ezingaphephekiyo ekunyuseni u-Ntu entlalweni yokuphila kwakhe :—yimfundo, nolimo. Zombhini ngumsebenzi ka Rulumente. Kukhulu phofu

okwenziwa nge Talpokisi, kodwa iphandle yona into yokuba um-Buso uyityeshele imfanelo yawo xa usoyiswa kurola imali efanelekileyo yokupakamisa aba Ntsundu nangesiqalo esinecinci. Kufuneka kuqala ukulungiswa kwemfundo yabantwana. Njengoko ndibonisileyo ukuthi thina ba-Ntu sihlaula kakhulu ngecala lomthetho, noxolo, nokhuselo njengabanye abemi, yimfanelo ke ukuba i Poltakisi le yonke igalelwe kwimfundo nolimo, nemfundiso yorwebo, nokuluka uboya, namashishini asemakaya, nezinye izinto.

Ngumhlola nesishamama into yokuba wonke umntu omnyama oyindoda, nenkwenkwe eli 18, ibe ngumrafi, ukanti mnye kuphela umntwana kwabane ohambha isikolo esixhaswa ngu Rulumente, kube nakwezozikolo kukho ititshala ezifundisa abantwana abasondele ekhulwini, klasini-nye, iyodwa, ngenxa yokuvinjwa kwemali ngumbuso otsho wayirwitsha imfundo yethu. Imali yemfundo yama Yerepe nabe Bala nama Indiya irolwa ngokwenani lentloko zabantwana abahamba isikolo, ukuze nje ngo 1924 lomali ibe zi £17 18s. 6d. ngomntwana kuma Yerepe, £5 kwabe Bala nama Indiya, abe u-Ntu yena enikwa isambhuku esilingana ne £2 8s. 5d. e Koloni, £2 1s. kwa Zulu, £1 12s. 10d. e Transvaal, ne 18s. 5d. e Freyistata,—imali eyamiswa ngokwesosambhuku ngo-1925 de kube kusasa nje, ngenxa yomthetho wase Durban. Ewe, eyabelungu ibangwa ngamapoma ezindlu zabo ezidulu nabaqeshwa babo, kodwa iphantsi gqitha nalapho eyaba-Ntu. Lento yaphaulwa, yatyetyeshwa yikomishini ka 1923 yemfundo yama Pondo, eyakwekwa ngentloni nje ukuthi imali yaba-Ntu yiyo le ifundisa amagwangqa. Kunjalonje le komishini yayingekude nenyani, kuba e Koloni, phambhi ko 1925, i Pondo eli lalinikwa iponti

ngeponti yalo yi Palamente. Kwati mhla yangena i Talpokisi laselinqumama i Pondo ukunika aba-Ntu imali yemfundo, layiguqula lemali yethu layigalela kweyabelungu, loxa aba-Ntu bona bethe-gqolo ukurafiswa unanamhla li Phondo ngerafu ze Nkomponi, imigcobo, iziza, imoto, intengo-mhlaba. Yanyanisa ikomiti yaba-Fundisi e Qonce mhla yathi :—indlela eyakwanelisa emalini yemfundo yaba Ntsundu yimali erolwa ngokwentloko zabantwana abasesikolweni njengoko kusenjiwanjalo kuma Yerepe nabe Bala nama Indiya.

## ISIPHETHO.

(a) Njengoko sibonile ukuthi umntu omnyama uzithwala ngokulingeneyo imfanelo zakhe malunga nomthetho, noxolo, nokhuselo ezimalini zonke ezibonwa ngamehlo nezingabonwayo, mna ke ndithi u Rulumente ngeledala ulwabiwo olunobulungisa lwemali, olubonisa impatho elinganayo nengacaluli bala ekwabeni imali zombuso. Zonke irafu eziphaulwe ngokuthi zezaba-Ntu mazisebenzele aba-Ntu abo, tsololo. Ukutsho kukuti yonke imali engena nge Poltakisi (ingabi sisavenge sesihlanu sodwa) mayisebenzele uncedo lwaba-Ntu ; yonke imfundo yabantwana, neyamasinala, eyiyeyona iphambhili ekunyuseni aba-Ntu, mayirolelwe imali ngokwentloko zabantwana, nemfuno, nokwanda kwabo, njengakuma Yerepe, nama Indiya, nama Bholani.

(b) Akukho ntaphane yarafu irolwa ngama Yerepe, ngobu, Yerepe babo, nephaulelwe wona, nenokuba lilungelo labo ngokokude bona badluliswe eba-Ntwini kwimpinda-ntathu yento eyabelwa ama-Afrika. Ayivakali lonto. Intetho ka Gosa Jansen e Pritoria e-Komfeni yaba Ntsundu ngo December 1930, ethi amasoka amhlo-

phe arola i £2 10s. apho thina sirola £1 ye Talpokisi ayindiphikisi ; kanye iyandingqinela, kuba elosoka limhlophe liyirola lo £2 10s. emvuzweni oma £300, kanti thina i £1 iphuma kuma £30, sibe siyi phinda-phinda kalishumi imali yelosoka.

(c) Ngangengeniso yakhe, um-Afrika lo uyitwhala aphumelele imfanelo yakhe ezimalini ezifunwa kuye ngumbuso kwizambhuku zerafu. Incukacha angayiroliyo ihleli isenzelelelwa kukulahlekelwa kwakhe ebhankini yemihlaba adibeneyo kuyo nomlungu ekugaleleni izigidi ezili 11 zemali, avalelweyo phofu yena ekwabelweni imali, ngomthetho ocalula wonke umntu obala lintsundu, kwanomlungu ozeke inzwakazi entsundu.

Apha sihlomela ingxelo yephepha lase Qonce i *Cape Mercury* eyapapashwa lomhla i Komishini yayiphicotha lentetho yandulelayo. Ithi :—I Komishini iphindile yahlangana izolo, yasingatha intetho zama-Xhosa, phantsi ko Sihlalo wayo u Dr. Holloway. U Jabavu, ofundisa kwa Nokoleji, uthe :—Mhla abalauli belilizwe bafunda, baphucuka ngokwaneleyo ngangokude babuqondisise ububi nenkohlakalo ye Poltakisi, kuyakunyanzeleka ukuba bayitshabalalise i Poltakisi le. U Gosa Jansen ukhe wathi aba-Ntsundu abafanelwanga yi Penshoni yamaxhego kuba bona bengo nyonga-nde-kudlelana ekungafuneki benceedwe ngalutho ekwaluphaleni. Yena (Jabavu) akayilandeli leyongqondo kuba kulento kufuneka kujongwe amandla omntu ekuhlauleni lerafu, kungajongwa soko samzi. Yena utsha zintambho kufuna ukubonisa ukuba imali ephuma enxhoweni yerafu isiwe kuba-Ntu incinci baye aba-Ntsundu bengenakuphucuka ngaphandle kokuncedwa ngu Rulumente.

Kuqhubeke ingxoxo enkulu ngerafu zaba-Ntsundu,

nomihlaba, nozinkomo, lisithi ingqina eli lona lize ukuzakulinga ukuzuzisela amawalo inzuzo engaphezulu ngerafu ezirolwa ngawo, laye lingavuthwa mpela buncinane be 4s. ezibuyela kuma-Afrika epontini erolwa nge Talpokisi. Umntu omnyama angayixolela irafu erafisa ubutyebi bakhe, ukuze irafu ithwalwe ngabanamandla okuyithwala irafu ihambhe ngengqwebo yomntu. Lihlazo ukuba amaxhego akuma 80 ngobudala anyanzelwe arole i Poltakisi kuba enenkomo ezintlanu.

Okwemigodi, okokuba ama-Afrika la ebengekho, kusimbha abelungu okanye ama Nogolo ase Melika, inzuzo yemigodi ngeyinganeno kule ikhoyo kuba imivuzo ngeyilabalaba. Ingasisono ukuphuthuma intlanga zizekusebenza apha, kwaye okokuba bekusetyenziswa ama Nogolo, iponti zombhini esithathwini eziphuma kuba-Ntu ngenxa yobuphantsi bemivuzo yabo, ngezingafumaneki, njengokuba ngoku zikhoyo zibalelwa egameni labelungu. Isiqendu sesithathu semali ezuzwa ngu Rulumenete siphuma kuma Afrika ngqo, okanye ngokusesa, kuba ngawo ancedisa umlungu ekuveliseni imali.

Ingqina apha liphikisiwe ngu Dr. Roberts othe imali engeniswa ngaba-Ntsundu embusweni zi £3,000,000,—isavenge seshumi ke eso—babe beyifumana kwayonke. U Jabavu uxhathisile wathi hayi, imali ephuma kuba-Ntsundu zi £9,000,000. U Rulumente makasibuyekeze ongeze kabini kwimali asinika yona ngoku.

Ephendula u Mr. Lucas, uthe, imbhangeli yokungeva kosapho kukumka komlisela ekhaya kuyiwe emigodini, unyana ibe nguye umondli wosapho lwakowabo, athi ekubuyeni amongamele uyise. Bambalwa aba-Ntu abaphumelelayo ukuzondla ngengeniso yasekhaya, baninzi abaphumayo baye emsebenzini. Aba-Ntu beyele zozololo

ematyaleni. Baya ezikolobheni besengumqikela balahlekane apho nembheko kubazali. Usapho soloko luraulwe buhlwempu, lutshone ngokunye kwakutshatiswa, isiko elingenakuthiwani ke ukwenza izinwe nokugida, kuba lisekeke emvelini yamandulo. Izimvo zoluntu ngoku ziehasene nomlungu kunangaphambhili, ngezi zizathu :— intlalo-nzima, imithetho etshutshisana naba-Ntu, nempembhelelo zezipheka-mafutha. Kuminyaka esixhenxe edluleyo aba-Ntsundu bebekhula beqhubela pambhili ngokungeambhaza, bethe zizilili, bekholiswa zimfundiso zabamhlophe. Kutsha nje basuke baqakatha ngobuchaluza, bexhokoshwa luviko lokudotyelelwa phantsi, nakwayi ntiyo-mlungu. Lenguqulo kunye nenkaulezo yayo iyaxhalisa.

Malungana nemivuzo, ingqina eli lithe licinga ukuthi ukunyuswa kwayo ngamabanga kungaluncedo macala onke. Yonke imali yemivuzo eyamkelwa ngaba-Ntsundu iyajikeleza eluntwini lonke kuba bona abayembheli ziseleni, bayisebenzisa yonke imali. Umntu omnyama umamkelisa umwabo ngokobuchule balowomsebenzi kungawo. Lonto ihambha ngokwemfuno nemfuneko.

---

1 FEB. 1936

*Thumela imali uthenge ezincwadi zika D. D. T. Jabavu, zesi-Xhosa :—*

(1) U-Kayakulu, 10d. (2) Ibali lama Mfengu, 3s. 3d. ; 4s. 9d. ; I-Rafu zaba-Ntu, 4d. ; (4) E-Jerusalem, 2s. 9d. (lamaxabiso adibene neposi).

ku Manager, Book Department,
P.O. Lovedale, C.P.

---

